





“Khawuleza Naka siza kufika emva kwexesha esikolweni!”
kukhwaza uNala.

“Ndiyagodola! Masime sibase umlilo ukuze sibe shushu,”
kutsho uNaka.



UNala uyabuza esithi, "Ulibele ukuba umakazi wathi
masingadlali ngomlilo?"

UNaka uphendula athi, "Ndamva, kodwa asikho phakathi
endlwini ngoku!"



UNala uthi, “Sisendleleni kodwa umlilo useyingozi. Umlilo uyakhawuleza ukunwenwa kwaye ungonakalisa izinto ezininzi.”

UNaka uyacinga ngale nto.



UNaka uthi, “Kodwa kudala abantu babesebenzisa umlilo kuphela ukuze bafumane ubushushu nokuze bakhanyise. Abantu bapheka ngawo, bazifudumeze baze bakhanyise.”




UNala uphendula athi, “Umlilo ubalulekile kodwa kunzima ukuwulawula. Kungoko umakazi esithi abantwana mabangawubasi umlilo. Wonke umntu kufuneka aqaphele.”



UNala uqhubeka athi, “Umbane ukhuselekile ibe ucocekile kunokubasa iinkuni namalahle.”

Wongeza athi, “Ukubasa ezo zinto kuyangcolisa.”




Uyawazi ukuba ubaswa njani umlilo?" uNaka uyabuza.

UNala ucacisa esithi, "Ngamanye amaxesha xa isenzi mlilo sidibana nomoya kuye kubekho intlantsi. Uqala njalo ke umlilo."



“Xa umoya udibana nesenzi mlilo ngamaqondo obushushu afunekayo, kuqala kuvele idangatye, emva koko uvuthe. Ngokomzekelo, kumaxa uhlikihla isikhuni ngesinye, okanye uqhwitha umcinga wematshisi.”



UNaka uthi, “Umlilo wenza kubekho umsi.”

UNala uyavuma esithi, “Ewe, sesinye isizathu sokuba singawubasi phakathi endlwini umlilo. Akukho mpilweni ukuthi uphefumla ube urhaxwa ngumsi.”



UNala noNaka basesikolweni.

UNala ulumkisa athi, "Khumbula, ungaze ushiye ikhandlela okanye umlilo uvutha. Umlilo ungatshisa izindlu nabantu!"



—Imibuzo

1. Ngubani ofuna ukubasa umlilo? Kungokuba kutheni?
2. Chaza imisebenzi emi3 yomlilo.
3. Chaza izinto ezi3 eziyingxaki ngomlilo.
4. Kukuthini ukungcolisa?
5. Chaza iindlela ezi2 zokuzikhusela emlilweni.
6. Fumanisa ngegama elithi 'umlilo' ngezinye iilwimi ezi3. Zoba umfanekiso onala magama.
7. Thetha ngentlobo ezintathu zemililo.
8. Chaza iindlela ezine ezisetyenziswayo xa kucinywa umlilo.